Yeremiya 10:12

Ke yena ngulo wenza ihlabathi ngamandla akhe; ulozinzisa elimiweyo ngobulumko bakhe; waneka izulu ngengqondo yakhe.

Isaya 40:18, 22, 25, 26

Ningamfanekisa ke nabani na uThixo? . . . Ngulo uhlala phezu kwesazinge sehlabathi, abemi balo ke benjengemicikwane; ulowaneka izulu njengeqhiya eliyasuyasu, walitwabulula njengentente yokuhlala . . . Niya kundifanisa nabani na, ndilingane naye? utsho oyiNgcwele. Phakamiselani amehlo enu phezulu, nibone: ngubani na owadala ezi zinto? Ngulokhupha umkhosi wazo ngamaqela, uzibiza zonke ziphela ngamagama, ngenxa yobukhulu bokomelela, ekhaliphile ngamandla; akusali nanye.

Yeremiya 32:17

Awu, Nkosi yam Yehova, yabona walenza izulu nehlabathi ngamandla akho amakhulu, nangengalo yakho eyolukileyo; akukho nto ikunqabeleyo.

Hebhere 1:1, 2

UThixo . . . uthethe ngale mihla yokugqibela kuthi ngoNyana; awammisayo wayindlalifa yeento zonke, awathi kwangaye wayenza indalo yonke.

# Usathana Akanakho Ukudala Iplanethi Eyixhome Esithubeni

Yohane 1:1, 3; 10:10

Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo . . . Izinto zonke zabakho ngaye; engekho yena, akubangakho nanye into ethe yabakho . . . Isela alizi lingazele ukuze libe, lixhele, litshabalalise.

Luka 10:18

Uthe ke kubo, Bendimbona uSathana njengombane esiwa ezulwini.

1 Petros 5:8

Yibani nobungcathu, phaphani; ngokuba ummangaleli wenu, uMtyholi, uhamba njengengonyama egqumayo, efuna ubani angaminyayo.

Izenzo 17:29

Siyinzala kaThixo nje ke, akusifanele ukuba sibe ubuthixo obu bufana negolide nesilivere nelitye, into eqingqwe ngobungcibi nangengcinga yomntu.

1 Korinte 10:20

. . . Andithandi ke ukuba nibe ngamadlelane needemon nina.

Wabuya ngoko uYesu wathetha kuba, esithi, Ndim ukhanyiselo lwehlabathi; lowo undilandelayo akasayi kuhamba ebumnyameni; yena uya kuba nalo ukhanyiso lobomi. —Yohane 8:12

Indumiso 62:11

Uthethe nto-nye uThixo, ezi zinto zimbini ndizivile; ukuba amandla ngakaThixo.

Indumiso 115:3

UThixo wethu ke usemazulwini, konke akuthandileyo uyakwenza.

Isaya 43:13

Unanamhla ndinguye, akukho unokuhlangula esandleni sam . . . .

1 Kronike 29:11, 12

Bobakho, Yehova, ubukhulu, namandla, nozuko, noloyiso, nendili. Ewe, konke okusezulwini nokusehlabathini kokwakho; bobakho, Yehova, ubukumkani; uphakamile wayintloko yeento zonke. Ubutyebi nozuko luvela kuwe, ulawula zonke izinto: asesandleni sakho amandla nobugorha: kusesandleni sakho ukukhulisa nokomeleza . . . .

Duteronomi 3:24

Nkosi yam, Yehova, uqalile ukumbonisa umkhonzi wakho ubukhulu bakho, nesandla sakho esithe nkqi; ngokuba nguwuphi na uthixo emazulwini nasehlabathini, ongenza ngokwezenzo zakho, nangokwemisebenzi yakho yobugorha?

Luka 1:37

Ngokuba akukho nanye into eya kumnqabela yena uThixo.

Eksodus 15:7
Ngobukhulu bobungangamsha bakho ubagungxule abachasi bakho; Ukhupha ukuvutha kwakho, kubadle bona njengeendiza.

Indumiso 147:5
Inkulu iNkosi yethu, inamandla amakhulu; ingqondo yayo ayiphele ndawo.

Indumiso 106:8
Wabasindisa ngenxa yegama lakhe, ukuze abazise ubugorha bakhe.

Nehemiya 9:6
Wena unguYehova wedwa, wena wenza izulu, izulu lawo amazulu, nomkhosi wawo wonke, umhlaba nento yonke ephezu kwawo, ulwandle neento zonke ezikhona, uzidlisa ubomi zonke ezi zinto; umkhosi wamazulu uqubuda kuwe.

Indumiso 104:1
Mbonge uYehova, mphefumlo wam. Yehova, Thixo wam, umkhulu kakhulu; Wambethe indili nobungangamela.

Indumiso 145:2, 3
Imihla yonke ndiya kukubonga, ndilidumise igama lakho ngonaphakade kanaphakade. Mkhulu uYehova, ngowokudunyiswa kakhulu: ubukhulu bakhe abunakugocwagocwa.

1 Petros 1:11

Kuba ngokunjalo nophiwa ngokobutyebi ukungena ebukumkanini obungunaphakade beNkosi yethu, uMsindisi uYesu Kristu.

Isaya 26:4

Kholosani ngoYehova ngonaphakade; kuba uYa, uYehova, uliliwa elingunaphakade.

Indumiso 90:2

Kungekazalwa zintaba, ungekavelisi mhlaba, nazwe limiweyo, kususela kwaphakade kude kuse ephakadeni, wena unguThixo.

Yeremia 10:10

Ke yena uYehova nguThixo, inyaniso, nguThixo ophilileyo, ngukumkani ongunaphakade; ihlabathi liyanyikima buburhalarhume bakhe, neentlanga azinakuluthwala ubhavumo lwakhe.

Isityhilelo 11:15

. . . Kwabakho amazwi amakhulu emazulwini, esithi: Izikumkani zehlabathi zithe zaba zezeNkozi yethu nezikaKristu wayo. Wayeya kuba nguKumkani kuse emaphakadeni asemaphakadeni.

*Amandla kaSathana amelwe kukutshatyalaliswa*

Isityhilelo 20:10

UMtyholi lowo ubalahlekisayo waphoswa edikeni lomlilo nesulfure . . . . uya kuthuthunjelwa . . . . kuse emaphakadeni asemaphakadeni.

## 6 Amandla Awoyikekayo KaThixo Kulwandle Olubomvu

**Eksodus 14:21, 22, 26-28, 30, 31**

UMoses wasolula isandla sakhe phezu kolwandle, walumkisa uYehova ulwandle ngomoya wasempumalanga onamandla, bonke obo busuku, walwenza umhlaba owomileyo ulwandle, ahlulelana amanzi. Bangena oonyana bakaSirayeli elwandle phakathi, kowomileyo; asuka amanzi aba ludonga ngasekunene nangasekohlo . . . Wathi uYehova kuMoses. Yolula isandla sakho phezu kolwandle, amanzi abuyele phezu kwamaYiputa, phezu kweenqwelo zawo zokulwa, naphezu kwabamahashe bawo. Wasolula uMoses isandla sakhe phezu kolwandle, ulwandle lwabuyela ebumeni balo, ukuthi qhiphu kokusa; asaba amaYiputa asinga kulo. UYehova wawavuthululela amaYiputa phakathi elwandle. Abuya amanzi, azigubungela iingqwelo zokulwa, nabamahashe, nempi yonke kaFaro eyayingene emva kwawo elwandle; akwasala noko amnye kuwo . . . Wawasindisa uYehova ngaloo mini amaSirayeli esandleni samaYiputa efile elunxwemeni lolwandle. Asibona amaSirayeli isandla esikhulu asibonakalalisileyo uYehova . . . .

*Wondla isigidi sabantu 40 iminyaka*

Eksodus 16:12-15, 35

... Lakutshona ilanga nodla inyama, kusasa nohlutha sisonka; nazi ukuba ndinguYehova uThixo wenu. Kwathi ngokuhlwa zenyuka izagwityi, zayigubungela iminquba yonke; kusasa kwabakho umbethe olele ngeenxa zonke eminqubeni. Wenyuka umbethe obulele, nanko kukho phezu komhlaba entlango intwana apha ecolekileyo, eyileyo, encinanana njengeqabaka emhlabeni. Bayibona oonyana bakaSirayeli, bathi omnye komnye, Yintoni? ... Bayidla oonyana bakaSirayeli imana iminyaka emashumi mane, bada bafika ezweni elimiweyo ....

*Amanzi awadalelwa isigidi*

Eksodus 17:6

Yabona, ndiya kuma phambi kwakho khona, phezu kweliwa eHorebhe; uze ulibethe iliwa; kophuma amanzi kulo, basele abantu.

*Womisa umlambo ophuphumayo*

Yoshuwa 3:17

Ababingeleli abathwele ityeya yomnqophiso kaYehova bema bee bhuxe emhlabeni owomileyo phakathi kweYordan; awela onke amaSirayeli kowomileyo ....

Daniyeli 3:21, 22, 27

Aza la madoda abotshwa eneehempe zawo, neengubo zawo zangaphantsi, nezokwaleka, nezinye iingubo zawo, ajulelwa ezikweni elivutha umlilo. Kwathi, ngenxa enokuba ilizwi lokumkani belibukhali, neziko belenziwe lashushu ngokuncamisileyo, ngenxa yoko ilangatye lomlilo lawabulala loo madoda abafunqulayo ooShadraki, noMeshaki, noAbhede-nego . . . Zahlanganisana iirhuluneli, nabathetheli bomkhosi, namabamba, namaphakathi okumkani; bawakhangela la madoda, ukuba umlilo awubanga namandla emizimbeni yawo, akurhawukanga nalunwele lwentloko yawo: iihempe zawo azibanga zizimbi, nevumba lomlilo alifikanga kuwo.

Watsho ke ukumkani, bamzisa uDaniyeli, bamjulela emhadini weengonyama. Waphendula ukumkani wathi kuDaniyeli, Wanga uThixo wakho, ombusa ngamaxesha onke, angakusindisa . . . Waza uDaniyeli wathi kukumkani, Kumkani, phila ngonaphakade! UThixo wam uthume isithunywa sakhe, sayivingca imilomo yeengonyama, ukuba zingandenzakalisi, ngenxa enokuba phambi kwakhe kufumaneke ukuba ndimsulwa; naphambi kwakho, kumkani, andonanga. —Daniyeli 6:16, 21, 22

Yeremiya 23:29

Alinjengomlilo na ilizwi lam? utsho uYehova; nanjengesando esihlekeza ingxondorha?

Hebhere 4:12

Kuba ilizwi likaThixo liphilile, lisebenza, libukhali ngaphezu kwamakrele onke antlangothi mbini; lihlaba liphumele, lide lahlule umphefumlo kwanomoya, amalungu kwanomongo; linokugweba iingcingane nezicamango zentliziyo.

Efese 6:17

Yamkelani isigcina-ntloko sosindiso, nalo ikrele loMoya, elililizwi likaThixo.

Indumiso 119:9

Umfana uya kuwuqaqambisa ngantoni na umendo wakhe? Ngokuzigcina ngokwelizwi lakho.

Yohane 15:3

Nina nisenihlambulukile, ngenxa yelizwi endilithethileyo kuni.

Filipi 2:16

Nibambelele elizwini lobomi . . . .

Yohane 8:31

Ubesithi ngoko uYesu kuloo maYuda akholiweyo kuye, Ukuba nina nithe nahlala elizwini lam, noba ningabafundi bam, inyaniso.

Yohane 17:17

Bangcwalise ngayo inyaniso yakho; ilizwi lakho liyinyaniso.

Kolose 2:9

Ngokuba kuhleli kuye konke ukuzaliseka kobuThixo ngokomzimba.

Mateyu 1:23-25

Yabonani, intombi le iya kumitha izale unyana, bambize ngegama elinguImanuweli, oko kukuthi ngentetho evakalayo, uThixo unathi. Wathi ke uYosefu . . . waza ke akamazi, wada wazala unyana wakhe wamazibulo; wambiza ke ngegama elinguYesu.

Yohane 5:17, 18

Waphendula ke uYesu wathi, UBawo uyasebenza kude kube ngoku, nam ndiyasebenza. Ngenxa yoko ke ayefuna ngakumbi amaYuda ukumbulala; ngokuba ubengaphule sabatha yodwa, wayetshilo nokuthi uThixo ngowakhe uYise, ezenza alingane noThixo.

Roma 1:4

Owamiswayo ukuba unguNyana kaThixo, enamandla, ngokomoya wobungcwele, ngokuvuka kwabafileyo.

*Igazi likaKristu liligazi likaThixo*

Izenzo 20:28

Zilumkeleni ngoko, nawo wonke umhlambi, athe uMoya oyiNgcwele wanimisa ukuba ngabaveleli bawo, ukuba nilaluse ibandla likaThixo, awazizuzelayo ngelilelakhe igazi.

Isityhilelo 1:5, 8

NakuYesu Kristu . . . Mna ndinguAlfa no-Omega, isiqalo nesiphelo; itsho iNkosi, leyo ikhoyo, yayikho, izayo, uSomandla.

Kolose 1:13-16

Owasihlangulayo egunyeni lobumnyama, wasifudusela ebukumkanini boNyana wothando lwakhe, esinayo kuye inkululeko ngokuhlawulelwa ngegazi lakhe ukuxolelwa kwezono ke oko. Ungumfanekiselo kaThixo ongenakubonwa, owamazibulo kwindalo yonke. Ngokuba zadelelwa kuye zonke izinto, ezisemazulwini nezisemhlabeni, ezinokubonwa nezingenakubonwa, nokuba ziitrone, nokuba zibubukhosi, nokuba zizilawuli, nokuba ngamagunya; zonke izinto zidalelwe yena.

1 Timoti 6:14-16

Ukuba uwugcine umthetho lo, ungabi nabala, ungabi nakukhalazelwa, kude kufike ukubonakala kweNkosi yethu uYesu Kristu, aya kukubonakalisa ngawakhe amaxesha; lowo usikelelekileyo, ukuphela konamandla, uKumkani kakumkani, uNkosi kankosi; okuphela konokungafi . . . kuye makubekho imbeko namandla angunaphakade. Amen.

Othe, elubengezelo lobuqaqawuli bakhe, nombhalo wenkqu yakhe, ezithwele nokuzithwala zonke izinto ngalo ilizwi lamandla akhe, wesuka, akuba eyenzile ngokwakhe intlambululo yokusihlambulula ezonweni, wahlala phantsi ngasekunene kobuKhulu, enyangweni. —Hebhere 1:3

Nento obuyiyo ubukhulu obuncamisileyo bamandla akhe abhekisele kuthi, thina bakholwayo, angokokusebenza kokuqinisela kokomelela kwakhe, awakusebenza kuye uKristu, ekumvuseni kwakhe kwabafileyo; waza wamhlalisa ngasekunene kwakhe kwezasemazulwini iindawo, ngaphezu kwalo lonke ulawulo, negunya, namandla, nobukhosi, nalo lonke igama elikhankanywayo, kungekhona kweli phakade lodwa, kunakwelo lizayo. Waza izinto zonke wazithobela phantsi kweenyawo zakhe . . . .

—Efese 1:19-22

Wamnika negunya lokugweba; ngokuba enguNyana woMntu. . . . Mna noBawo sibanye . . . Ke ukuba ndiyayenza, nokuba anikholwa ndim, kholwani yiyo yona imisebenzi; ukuze nazi, nikholwe, ukuba uBawo ukum, nam ndikuye. . . . Lowo undibonayo, ubona owandithumayo.

—Yohane 5:27; 10:30, 38; 12:45

*UnguSomandla, kuBuqu bobuThixo*

1 Yohane 5:7

Ngokuba bathathu abo bangqinayo emazulwini: uYise, noLizwi, noMoya oyiNgcwele; abo bathathu banye.

Izenzo 5:3-5

Wathi ke uPetros, Hananiya, kungani na ukuba uSathana azalise intliziyo yakho, ukuba umxokise uMoya oyiNgcwele, ushinte kulo ixabiso lomhlaha? Oko ube uhleli, ubungahleli kuwe na? Kanjalo uthengisiwe, ubungekhona na egunyeni lakho? Akuxoke kubantu, uxoke kuThixo. Ewavile ke uHananiya la mazwi, wawa, waphuma umphefumlo; kwababakho ukoyika okukhulu kubo bonke ababezivile ezi zinto.

*Amakholwa azaliswa, anika ukungafihlisi*

Izenzo 4:31

Bakubon' ukuba bakhungile, yazanyazanyiswa indawo ababehlanganisene kuyo, bazaliswa bonke nguMoya oyiNgcwele, balithetha ilizwi likaThixo ngokungafihlisiyo.

*Wenza ukusebenzisa uthando lobuThixo*

Roma 5:5

Ithemba ke alidanisi, ngokuba uthando lukaThixo luthululelwe ezintliziyeni zethu ngoMoya oyiNgcwele, esamnikwayo.

### Hebhere 7:25

Ngoko unako nokubasindisa kanye abo bezayo ngaye kuThixo; ehlala ehleli nje ukuba abathethelele.

### 2 Korinte 9:8

Unako ke uThixo ukuphuphumisela kuni ubabalo lonke, ukuze nithi, nihlala ninako nje ukwanela konke ngeendawo zonke, niphuphumele emsebenzini wonke olungileyo.

### Yuda 24

Kulowo ke unako ukunilonoloza ningabi nakukhubeka, nokunimisa phambi kobuqaqawuli bakhe ningenabala, nigcoba.

### 2 Timoti 1:12

. . . Ndiyamazi endikholiweyo nguye; kanjalo ndithi, ndeyisekile ukuba unako ukuyigcina into endimphathisileyo, ese kuloo mini.

### Luka 3:8

. . . Unako uThixo kuwo la matye ukumvelisela abantwana uAbraham.

### Roma 4:16, 20, 21

UAbraham . . . ngokusingisele kwidinga likaThixo, akathandabuza ngokungakholwa; wesuka womelela ngokholo, ezukisa uThixo, eqinisekile ukuba oko akumise ngedinga, unako nokukwenza.

Filipi 3:21

. . . Unako ukuzithobela phantsi kwakhe zonke izinto.

Daniyeli 4:37

Kaloku, mna Nebhukadenetsare, ndiyamncoma, ndimphakamisa, ndimbeka uKumkani wamazulu; ngokuba yonke imisebenzi yakhe iyinyaniso, neendlela zakhe zisesikweni; nangokuba enako ukubathoba abahamba beqhankqalazile.

Daniyeli 3:17, 26, 27

Ukuba uThixo wethu esimbusayo unako, wosisindisa ezikweni elivutha umlilo. Nasesandleni sakho, kumkani . . . Waza uNebhukadenetsare wasondela esangweni leziko elivutha umlilo, waphendula wathi, Shadraki, Meshaki, Abhede-nego, bakhonzi boThixo Osenyangweni, phumani, nize . . . bawakakhangela la madoda, ukuba umlilo awubanga namandla emizimbeni yawo. Akurhawukanga nalunwele lwentloko yawo . . . nevumba lomlilo alifikanga kuwo.

Hebhere 2:18

Kuba ekubeni eve ubunzima, ehendiwe naye ngokwakhe, unako ukubasiza abahendwayo.

*Amandla phezulu kokufa*

Hebhere 11:19

Ecamanga ngokuthi, uThixo unako ukuvusa nakwabafileyo.

2 Timoti 3:15

Nokuba uzaze kwasebuntwaneni izibhalo ezingcwele, ezinako ukukulumkisela elusindisweni ngokukholwa kuKristu Yesu.

Roma 14:4

Ungubani na wena ugweba isicaka somnye? Ukuma kwaso, nokuba kukuwa kwaso, kusenkosini yaso. Siya kuma ke; kuba uThixo unako ukusimisa.

Kuye ke onako ukwenza okungaphezu kweento zonke ngokugqithiseleyo kakhulu, ngaphezu kwesikucelayo nesinokukuqiqa, ngokokwamandla asebenzayo ngaphakathi kwethu, kuye malubekho uzuko ebandleni elikuKristu Yesu, kuse kuzo zonke izizukulwana zalo iphakade lasemaphakadeni. —Efese 3:20, 21

Izenzo 20:32

Kungoku, bazalwana, ndiyaniyaleza kuThixo nakwilizwi lobabalo lwakhe, onako ukunakha, aninike ilifa phakathi kwabo bonke abangcwalisiweyo.

Roma 11:1, 23

Ngoko ke ndithi, UThixo ubagibile na abantu bakhe? Nakanye! Kuba nam lo ndingumSirayeli wasembewini ka-Abraham, wesizwe sikaBhenjamin. . . Nabo ke, ukuba abathanga bahlale ekungakholweni, bomiliselwa; kuba uThixo unako ukubuya abamilisele.

Indumiso 130:3, 4

Ukuba uthe wabunqala ubugwenxa, Yehova, ngubani na ongaba nokuma, Nkosi? Ngokuba kunawe ukuxolela, ukuze woyikwe.

2 Kronike 7:14

Bathoba ke abantu bam, ababizwa ngegama lam, bathandaza, bafuna ubuso bam, babuya ezindleleni zabo ezimbi: ndiya kuva mna emazulwini, ndibaxolele izono zabo, ndiliphilise ilizwe labo.

Marko 2:9-12

Okhona kulula kukuphi na: kukho ukuthi kondedumbe, Uzixolelwe izono; kukho nokuthi, Vuka, uthabathe ukhuko lwakho, uhambe? Ke ukuze nazi ukuba unalo igunya uNyana woMntu lokuxolela izono emhlabeni apha (uthi konedumbe), Ndithi kuwe, Vuka uthabathe ukhuko lwakho, uye endlwini yakhho. Wavuka kwaoko, waluthabatha ukhuko, waphuma phambi kwabo bonke, ngokokude bathi nqa bonke, bamzukise uThixo . . . .

Luka 12:10

Nomntu wonke oya kuthetha ilizwi elibi ngoNyana woMntu, woxolelwa; kodwa lowo unyelise uMoya oyiNgcwele, akasayi kuxolelwa.

Ngoku ke, ukuba ubani ukuKristu, usisidalwa esitsha; izinto ezindala zidlule; bonani ke, zisuke zaba ntsha izinto zonke zakhe.
—2 Korint 5:17

Bonke abadla ubomi bekholwa kum, abasayi kufa naphakade; uyakholwa na koko?
—Yohane 11:26

Njengokuba isono saba nokulawula ngokufa, ngokunjalo nobabalo lube nokulawula ngobulungisa, luse ebomini obungunaphakade, ngaye uYesu Kristu, iNkosi yethu. —Roma 5:21

Lwabonakaliswa ke ngoku ngako ukubonakala koMsindisi wethu uYesu Kristu, owakubhangisayo okunene ukufa, kodwa wabukhanyisa ubomi nokungonakali, ngazo iindaba ezilungileyo ezi.
—2 Timoti 1:10

Waza, egqibelele waba yimbangi yosindiso olungunaphakade kubo bonke abamlulamelayo.
—Hebhere 5:9

Kuba thina badla ubomi simana sinikelwa ekufeni ngenxa kaYesu, ukuze nobomi bukaYesu bubonakalaliselwe enyameni yethu enokufa. —2 Korinte 4:11

Isela alizi lingazele ukuze libe, lixhele, litshabalalise. Mna ndizele ukuze babe nobomi . . . . ngokugqithiseleyo. —Yohane 10:10

Nentokazi eyayinethombo legazi iminyaka elishumi linamibini, eyayithe yona phezu koko yadleka impahla yayo iphela ngamagqirha, ayaba nako ukuphiliswa bani, yeza ngasemva, yachukumisa umqukumbelo wengubo yakhe, lee qoko kwangoko ithombo legazi layo. —Luka 8:43, 44

Nalapho sukuba ebengena khona, nokuba kusemzaneni, nokuba kusemzini, nokuba kusemaphandleni, babesithi, bababeke abafayo ezindaweni zembutho, bambongoze ukuba khe bachukumise intshinga yengubo yakhe. Baye ke besindiswa abasakuba bemchukumisa. —Marko 6:56

Luka 5:17

Kwathi ke ngamini ithile wafundisa. Kwaye kuhleli abaFarisi nabafundisi-mthetho, ababephume kuyo yonke imizana yelaseGalili, neyelakwaYuda, naseYerusalem; aye ekho amandla eNkosi ukuba abaphilise.

Mateyu 8:16, 17

Kuthe kwakuhlwa, kwaziswa kuye into eninzi yabaphethwe ziidemon; wabakhupha oomoya abo ngelizwi, wathi nabo bonke abafayo wabaphilisa; ukuze kuzaliseke okwathethwayo ngoIsaya umprofeti, esithi, Yena ngokwakhe wabuthabatha ubulwelwe bethu, wazithwala izifo zethu.

### Mateyu 8:3

Wasolula isandla uYesu, wamchukumisa, esithi Ndiyathanda, hlambuluka.

### Luka 13:13

Wayibeka ke izandla; yoluka kwangoko, yazukisa uThixo.

### Luka 7:21

Ke kaloku, kwangelo, lixa, waphilisa abaninzi kuzo izifo, nakuzo izibetho, nakoomoya abakhohlakeleyo, wathi iimfama ezininzi wazibabala ukubona.

### Luka 17:12, 14

Akubon' ukuba ungena mzini uthile, amhlangabeza amadoda alishumi eneqhenqa, amela mgama . . . Ewabonile ke, wathi, kuwo, Hambani niye kuzibonakalalisa kubabingeleli. Kwathi ekuyeni kwawo, ahlanjululwa.

### Mateyu 8:14, 15

Ke kaloku uYesu wangena endlwini kaPetros, wabona umkhwekazi wakhe elele, esifa yicesina. Waza wachukumisa isandla sakhe, yamyeka icesina; wavuka ke, wabalungiselela.

### Luka 22:50, 51

Omnye kubo abo wamxabela umkhonzi wombingeleli omkhulu, wamnqamla indlebe yokunene . . . Ke uYesu . . . wayichukumisa indlebe yake, wamphilisa.

Mateyu 9:28-30

Zithe, akungena ke endlwini, zeza kufika kuye iimfama; athi kuzo uYesu, Niyakholwa na ukuba ndinako ukukwenza oko? Zithe kuye, Ewe, Nkosi. Wandula ukuwachukumisa amehlo azo, esithi, Ngokokholo lwenu makwenzeke kuni. Avuleka ke amehlo azo . . . .

Mateyu 12:13

Aze athi kumntu lowo, Solule isandla sakho, Wasolula, sabuya saphila ke, saba kwanjengesinye.

Mateyu 8:5-7, 13

Ke kaloku, akubon' ukuba uYesu ungene eKapernahum, kweza kuye umthetheleli-khulu embongoza, esithi, "Nkosi, isicaka sam silele ngendlu, sinedumbe, sithuthunjelwa ngokoyikekayo . . ." Waza wathi uYesu kumthethelelikhulu, "Hamba ke, makwenzeke kuwe ngokokholo lwakho." Saphiliswa kwangalo elo lixa isicaka sakhe.

Yohane 5:5, 8, 9

Ke kaloku, bekukho mntu uthile apho, ubeminyaka imashumi mathahtu anesibhozo engumlwelwe . . . Athi uYesu kuye, "Vuka, uthabathe ukhuko lwakho, uhambe." Usuka kwaoko waphila umntu, waluthabatha ukhuko lwakhe, wahamba.

Yakobi 5:14, 15

Kukho mntu na ufayo phakathi kwenu? Makabizele kuye amadoda amakhulu alo ibandla. . . . wothi umthandazo wokholo umsindise lowo uleleyo, iNkosi imvuse. . . .

Mateyu 4:23

Waye uYesu elihamba lonke elaseGalili, efundisa ezindlwini zabo zesikhungu, evakalisa iindaba ezilungileyo zobukumkani, ephilisa izifo zonke nezikhuhlane zonke ebantwini.

Luka 6:17-19

. . . nokuba baphiliswe kuzo izifo zabo, nabo babekhathazwa ngoomoya abangcolileyo, baye bephiliswa. Zaye izihlwele zonke zifuna ukumchukumisa; ngokuba kube kuphuma amandla kuye, abaphilise bonke.

Mateyu 14:36

Bambongoza ukuba bacukumise nje kodwa intshinga yengubo yakhe; baza bonke abayichukumisayo baphiliswa kanye.

Mateyu 15:30

Kweza kuye izihlwele ezininzi, zinazo iziqhwala, iimfama, izidenge, izilima, nabanye abaninzi, zababeka phantsi ezinyaweni zikaYesu; wabaphilisa.

Mateyu 19:2

Zamlandela izihlwele ezininzi, waziphilisa apho.

Mateye 17:18

Waza uYesu wayikhalimela, yaphuma kuye idemon; waphiliswa umntwana kwangelo lixa.

Luka 4:41

Zaye ke needemon ziphuma kwabaninzi, zikhala zisithi, "Wena unguye uKristu, uNyana kaThixo." Uthe ezikhalimela, akazivumela ukuba zithethe; ngokuba bezimazi ukuba unguye uKristu.

Mateyu 8:28-32

Kuthe akufika ngaphesheya, ezweni lamaGergasi, kwaqubisana naye abantu ababini abaphethwe ziidemon, bephuma emangcwabeni, beligcalagcala, kwada kwayinkohla ukuba kudlule umntu ngaloo ndlela. Basuka bakhala besithi, Yintoni na enathi nawe, Yesu, Nyana kaThixo? Apha uze kusithuthumbisa na phambi kwelona xesha? Bekukho ke mgama kubo ugxuba elukhulu lweehagu lusidla. Zaye ke iidemon zimbongoza, zisithi, Ukuba uyasikhupha, sivumele siye kungena elugxubeni lweehagu oluya. Wathu kuzo, Yiyani.

Mateyu 12:22

Kwaza kwaziswa kuye ophethwe yidemon, eyimfama, esisidenge; wamphilisa, wada lowo uyimfama usisidenge wathetha, wabona nokubona.

### Luka 7:14, 15

Yafika ke yalichukumisa ithala, bema ke ababethwele. Yathi, "Ndodana, ndithi kuwe, Vuka." Wavuka wahlala umfi lowo, waza ke wathetha. Yamnikela ke kunina.

### Yohane 11:23-25, 43, 44

Athi kuye uYesu, "Umnakwenu uya kubuya avuke." Athi uMarta kuye, "Ndiyazi ukuba uya kubuya avuke eluvukweni, ngomhla wokugqibela." Wathi uYesu kuye, "Ndim uvuko, ndim ubomi; lowo ukholwayo kum, nokuba ubethe wafa, wodla ubomi." . . . Etshilo ke, wadanduluka ngezwi elikhulu, wathi, "Lazaro, phuma." Waphuma ofileyo, ebotshiwe iinyawo nezandla ngezithandelo, nobuso bakhe bujikelwe ngeqhiya. Athi kubo uYesu, "Mkhlululeni, nimyeke ahambe."

### Luka 8:49, 54, 55

Kuthi, esathetha, kufike othile, evela kwamphathi-ndlu yesikhungu, esithi kuye, Ibhubhile intombi yakho; musa ukumkhathaza uMfundisi. . . . Uthe ke yena, wabakhuphela phandle bonke, wayibamba ngesandla, wabiza esithi, "Ntombi, vuka." Wabuya umoya wayo, yesuka yema kwangoko. . . .

**Yohane 5:25**

Inene, inene, ndithi kuni, Kuza ilixa, nangoku liselikho, xa abafileyo baya kuliva izwi loNyana kaThixo, bathi abalivileyo badle ubomi.

**Yohane 6:40**

Kuko ke oku ukuthanda kowandithumayo, ukuthi babe nobomi obungunaphakade bonke abambonayo uNyana, bakholwe kuye; ndandiya kubavusa mna ngomhla wokugqibela.

**2 Korinte 4:14**

Sisazi ukuba lowo wayivusayo iNkosi uYesu, uya kusivusa nathi ngoYesu, asimise phambi kwakhe, ndawonye nani.

**Yohane 5:28, 29**

Musani ukumangaliswa kuko oko; ngokuba kuza ilixa abaya kuthi ngalo bonke abasemangcwabeni balive ilizwi lakhe; baphume ke . . . .

**Izenzo 24:15**

Ndinethemba kuThixo, into ke abayilindileyo nabo ngokwabo, ukuba kuza kubakho uvuko lwabafileyo, lwamalungisa kwanolwabangemalungisa.

**1 Tesalonika 4:16**

Ngokuba iNkosi ngokwayo iya kuhla emazulwini inendanduluko, inelizwi lesiphatha-zithunywa, inexilongo likaThixo, baze abafele kuKristu bavuke kuqala.

### Mateyu 28:18

Weza uYesu wathetha kubo, esithi, "Linikwe mna lonke igunya emazulwini nasehlabathini."

### Roma 1:20

Kuba kwasekudalweni kwehlabathi, iindawo zakhe ezibe zingenakubonwa zibonwa kakuhle, ziqondeke, ngezinto ezenziweyo, kwa-amandla akhe angunaphakade, nobuThixo bakhe, ukuze bangabi nakuziphendulela.

### 1 Petros 3:22

Osekunene kukaThixo, eye emazulwini, kwakubon' ukuba kuthotyelwe phantsi kwakhe izithunywa zezulu, noomagunya, namandla.

### Yohane 3:31

Lowo uvela phezulu ungaphezu kwabo bonke; lowo uphuma emhlabeni ungowasemhlabeni, ethetha okwasemhlabeni. Lowo ungowasemazulwini ungaphezu kwabo bonke.

### Isityhilelo 3:7

. . . Utsho oyiNgcwele, oyiNyaniso, lowo unaso isitshixo sikaDavide; lowo uvulayo kungavali namnye, avale kungavuli namnye.

### 2 Petros 1:3

. . . amandla akhe obuThixo asiphile zonke izinto ezisingise ebomini nasekuhloneleni uThixo, ngako ukumazi lowo wasibizayo ngozuko nesidima.

*Ukwazi Zonke Izinto*

Kodwa ukuze singabakhubekisi, hamba uye elwandle, uphose umlobothi wakho, uthabatha loo ntlanzi ithe yavela tanci, Wothi wakuwunqika umlomo wayo, ufumane ishekele; thabatha yona leyo ubanike, usenzelela mna nawe. —Mateyu 17:27

Nangokuba bekungafuneki kuye, ukuba kungqine bani umntu, kuba ubekwazi yena okungaphakathi komntu. —Yohane 2:25

Kuya kuba njalo mhlenikweni uThixo aya kuzigweba izinto ezifihlakeleyo zabantu, ngokweendaba zam ezilungileyo ngoYesu Kristu. —Roma 2:16

*Ukondla ngokungummangaliso ama5000*

Bathi ke bona kuye, Asinanto apha, ingezizo izonka ezihlanu neentlanzi ezimbini. Wathi ke yena, Ziziseni kum apha. Wathi izihlwele mazingqengqe phantsi engceni; wazithabatha izonka zozihlanu neentlanzi zombini, wathi, ekhangele ezulwini, wasikelela; waqhekeza, wazinika abafundi izonka ezo; ke abafundi banike izihlwele. Badla bonke bahlutha; basusa amaqhekeza aseleyo, zalishumi elinazibini izitya zizele. Ke kaloku abo babesidla babengamadoda akumawaka amahlanu . . . .

—Mateyu 14:17-21

*Ukuhamba phezulu kwamanzi*

Mateyu 14:25

Kuthe ke ngowesine umlindo wobusuku, wesuka waya kubo uYesu, ehamba phezu kolwandle.

*Ukunqanda yonke imvula*

Isityhilelo 11:6

Wona la anegunya lokulivala izulu, ukuze kungani mvula ngemihla yokuprofeta kwawo. Kananjalo anegunya phezu kwamanzi ukuwaguqula abe ligazi, nokuwubetha umhlaba ngezibetho zonke, ngamaxa onke asukuba ethanda ngawo.

*Ukuzolisa uqhwithela nolwandle*

Mateyu 8:26

Athi kubo, Yini na ukuba nibe ngamagwala, bantundini balukholo luncinane? Waza wavuka, wayikhalimela imimoya nolwandle; kwabakho ukuzola okukhulu.

*Ukuhamba edlula eludongeni*

Yohane 20:26

Baye emveni kweentsuku ezisibhozo bekwangaphakathi abafundi bakhe; wayenabo noTomas. Afike uYesu, zakubon' ukuba zivaliwe iingcango, eme phakathi, athi, Uxolo malube nani.

*Ukubamba ihlabathi lime-bume*

Kolose 1:16, 17

. . . zonke izinto zidalwe nguye, zidalelwe yena.

Sisazi ukuba uKristu, evusiwe nje kwabafileyo, akabi safa; ukufa akusamphathi ngabukhosi.
—Roma 6:9

Ukuba ke uMoya walowo wamvusayo uYesu kwabafileyo, umi ngaphakathi kwenu, yena owamvusayo uKristu kwabafileyo uya kuyenza iphile nemizimba yenu enokufa, ngaye uMoya wakhe omiyo ngaphakathi kwenu.
—Roma 8:11

Ndinguye odla ubomi; ndaye ndifile. . . . ndingobudlayo ubomi kuse emaphakadeni asemaphakadeni.
—Isityhilelo 1:8

Dumani kuThixo, nonke hlabathi: Lubetheleni uhadi uzuko lwegama lakhe, mzukiseni, mdumiseni. Yithini kuThixo, Hayi, ukoyikeka kwemisebenzi yakho! Ngenxa yobuninzi bamandla akho ziya kuhanahanisa kuwe iintshaba zakho. Lonke ihlabathi liya kukunqula, bakubethele uhadi; balibethele uhadi igama lakho. Phakamisani.
—Indumiso 66:1-4

*Amandla ebukumkanini bakhe*

Kuba ubukumkani bukaThixo abusekuthetheni, busemandleni.
—1 Korinte 4:20

Aba baya kwenza imfazwe neMvana. IMvana iya kubeyisa, ngokuba inguNKosi kankosi, inguKumkani kakumkani . . . .
—Isityhilelo 17:14

*Phezulu kwabo bonke ubomi*

Njengokuba wamnika igunya kubantu bonke, ukuze bonke omnike bona, abanike ubomi obungunaphakade. —Yohane 17:2

*Ukuvusa ubomi obubobakhe kwakhona*

Uthe ke uYesu, ephinde wadanduluka ngezwi elikhulu, wawukhupha umoya wakhe . . . umhlaba wanyikima. —Mateyu 27:50, 51

Ngenxa yoku uBawo uyandithanda; ngokuba mna ndibuncama ubomi bam, ukuze ndibuye ndibuthabathe. Akukho namnye ubuhluthayo kum, ndiyabuncama mna ngokwam; ndinegunya lokubuncama, ndinegunya lokubuya ndibuthabathe; lo mthetho ndawamkela kuBawo.

—Yohane 10:17, 18

*Ukuqaqambisa uzuko lwasemazulwini*

Wenziwa waba kumila kumbi phambi kwabo, bathi ubuso bakhe bakhazimla njengelanga, zasuka ke iingubo zakhe zamhlophe njengokukhanya. —Mateyu 17:2

*Ukubuya esemandleni nasebuqaqaqulini*

Athi uYesu kuye, Uselutshilo nawe. Ke ndithi kuni, Emveni koku niya kumbona uNyana woMntu, ehleli ngasekunene kwamandla, esiza esemafini ezulu.

—Mateyu 26:64

*Ukuxolela izono*

Mateyu 9:6

Kodwa ukuze nazi ukuba unalo igunya emhlabeni uNyana woMntu lokuxolela izono (selesithi konedumbe), Vuka, uthabathe ukhuko lwakho, uye endlwini yakho.

*Ukunika ubomi obungunaphakade*

Yohane 10:27, 28

Ezam izimvu ziyaliva ilizwi lam, ndibe nam ndizazi, zindilandela; mna ndizinika ubomi obungunaphakade . . . .

*Ukukhulula nawuphina umntu*

Luka 24:47

Nokuba kuvakaliswa egameni lakhe inguquko noxolelo lwezono kuzo zonke iintlanga, kuqalelwa eYerusalem.

*Ukwenza nyulu imiphefumlo*

1 Petros 1:2

. . . ebungcweleni boMoya, kuse ekululameleni nasekufefweni kwegazi likaYesu Kristu.

*Ukwenza omnye umoyisi*

2 Timoti 4:18

Isaya kundihlangula yona iNkosi kuwo wonke umsebenzi ongendawo, indisindisele ebukumkanini bayo obusemazulwini . . . .

*Ukugcina omnye elukholweni*

Ukuze ukholo lwenu lungabi sebulumkweni babantu; lube semandleni kaThixo. —1 Korinte 2:5

Filipi 2:9, 10

Kungoko athe iThixo wamphakamisa kakhulu, wamnika igama elingaphezu kwawo onke amagama; ukuze ngegama likaYesu onke amadolo agobe, awabasemazulwini, nawabasemhlabeni . . . .

Yohane 20:31

Kodwa le ibhalelwe ukuze nikholwe ukuba uYesu unguye uKristu, uNyana kaThixo, nokuze nithi, nikholwa, nibe nabo ubomi egameni lakhe.

Marko 9:38, 39

. . . Mfundisi, sabona umntu ekhupha iidemon egameni lakho, ongasilandeliyo thina; samalela ke, ngokuba engasilandeli thina. Wathi ke uYesu, Musani ukumalela; kuba akukho namnye uya kwenza umsebenzi wamandla egameni lam, aze ahle abe nako ukuthetha kakubi ngam.

Yohane 14:13

Nento enite nayicela egameni lam, ndoyenza yona . . . .

Izenzo 3:6, 7

Wathi ke uPetros, Isilivere negolide andinayo, kodwa endinako ndikunika khona: egameni likaYesuKristu umNazarete, vuka uhambe. Wayibamba ngesandla sokunene, wayivusa; zomelezeka ke kwalapho iinyawo zayo namaqatha ayo.

Esinayo sikuye inkululeko ngokuhlawulelwa ngegazi lakhe, ukuxolelwa ke kweziphoso zethu, ngokobutyebi bobababalo lwakhe.
—Efese 1:7

Le ndebe ingumnqophiso omtsha osegazini lam, eliphalalela nina. —Luka 22:20

Ke kaloku uThixo woxolo, lowo wamvusayo kwababafileyo uMalusi oMkhulu wezimvu, ngegazi lomnqophiso ongunaphakade, iNkosi yethu uYesu, wanga anganilungisa, nigqibelele emisebenzini yonke elungileyo, ukuze nikwenze ukuthanda kwakhe, esenza ngaphakathi kwenu oko kukholekileyo emehlweni akhe, ngoYesu Kristu. Kuye makubekho uzuko, luse emaphakadeni asemaphakadeni. Amen. —Hebhere 13:20, 21

. . . Aba ngabaphumayo embandezelweni enkulu, bazihlamba iingubo zabo ezinde, bazenza mhlophe egazini leMvana. . . . Bameyisile bona ngenxa yegazi leMvana, nangenxa yelizwi lobungqina babo . . . .
—Isityhilelo 7:14; 12:11

Ke, ukuba sihamba ekukhanyeni, njengokuba yena esekukhanyeni, soba sinobudlelane omnye nomnye, lithi negazi likaYesu Kristu, uNyana wakhe, lisihlambulule kuso sonke isono.
—1 Yohane 1:7

# Makabongwe UThixo Ngamandla Akhe!

**Isityhilelo 5:12**

**Besithi ngezwi elikhulu: Kuyifanele iMvana eyaxhelwayo ukwamkela amandla, nobutyebi, nobulumko, nokomelela, nembeko, nozuko, nokubongwa.**

**Indumiso 102:15, 18**

**Ziya kuloyika iintlanga igama likaYehova, nookumkani bonke behlabathi ubuqaqawuli bakho. . . . Abantu abaza kudalwa badumisa uYehova.**

**1 Petros 2:9**

**Ke nina nisisizukulwana esinyuliweyo, isibingeleli esibukumkani, uhlanga olungcwele, abantu abayinqobo, ukuze nivakalise isidima salowo wanibizayo ukuba niphume ebumnyameni, ningene ekukhanyeni kwakhe okungummangaliso.**

**Indumiso 9:11**

**Vumani ngendumiso kuYehova ohlala eZiyon; Xelani ezizweni izenzo zakhe ezincamisileyo.**

**Indumiso 22:23**

**Nina nimoyikayo uYehova, mdumiseni.**

**Indumiso 67:5-7**

**Ngamana zabulela izizwe kuwe, Thixo, zabulela izizwe kuwe zonke ziphela. Umhlaba uyivelisile indyebo yawo; uya kusisikelela uThixo, uThixo wethu; uya kusisikelela uThixo, zimoyike zonke iziphelo zehlabathi.**

## Mandenze Ntoni Ukuze Ndifumane Ubomi Obungunaphakade

### Mateyu 19:16, 17-21

. . . Mfundisi ulungileyo, yiyiphi na into elungileyo endingenza yona, ukuze ndibe nabo ubomi obungunaphakade? Uthe ke kuye. . . . Ukuba ke uthanda ukungena ebomini, yigcine imithetho. Athi kuye, Yiphi na? Wathi ke uYesu, Yona le: uze ungabulali, uze ungakrexezi, uze ungebi, uze ungangqini boxoki, beka uyihlo nonyoko; nawo lo: uze umthande ummelwane wakho njengoko uzithanda ngako. Ithi kuye indodana leyo, Zonke ezo zinto ndazigcina kwasebuncinaneni bam; ndisaswele ntoni na? Wathi uYesu kuyo, Ukuba unga ungafezeka, hamba uye kuthengisa ngeempahla zakho, uphe amahlwempu; woba nobutyebi emazulwini; uze ke undlilandele.

*Guquka, Kholwa, Yamkela*

### Marko 1:14, 15

. . . weza uYesu . . . esithi, Lizalisekile ixesha, nobukumkani bukaThixo busondele; guqukani, nikholwe kuzo iindaba ezilungileyo ezi.

### Yohane 1:12

Ke bonke abamamkelayo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana bakaThixo, abo ke bakholwayo kwigama lakhe.

Yohane 1:17

Ngokuba umthetho wawiswa ngoMoses, lwabakho lona ububabalo nenyaniso ngoYesu Kristu.

Yohane 14:6

Uthi uYesu kuye, Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi; akukho namnye uzayo kuBawo, engezi ngam.

1 Yohane 2:22

Ngubani na ixoki, ingenguye okhanyelayo ukuba uYesu unguye uKristu? Lowo ungumchasi-Kristu, omkhanyelayo uYise noNyana.

Mateyo 7:13, 14

Ngenani ngesango elimxinwa; ngokuba libanzi isango, iphangalele nendlela, esa entshabalalweni; baninzi ke abangena ngalo. Ngokuba limxinwa isango, icuthene nendlela, esa ebomini; bambalwa ke abalifumanayo.

Kuye kwakukho ubomi, baye ubomi obo bulukhanyiselo lwabantu. —Yohane 1:4

Yohane 5:26

Kuba njengokuba uYise enabo ubomi kuye ngokwakhe, ngokunjalo wamnika noNyana ukuba abe nobomi kuye ngokwakhe.

Yohane 6:51

Ndim isonka esiphilileyo, esi sehlayo emazulwini. Ukuba ubani uthe wasidla esi sonka, wodla ubomi ngonaphakade . . . .

Hebhere 9:24-27

Kuba uKristu akangenanga kweyona ngcwele inokwenziwa ngezandla . . . . ungene kuwo amazulo ngokwawo, ukuba abonakale ngoku ebusweni bukaThixo ngenxa yethu. Kananjalo akangenanga ukuze azisondeze futhi, njengokuba umbingeleli omkhulu ebengena kweyona ngcwele iminyaka ngeminyaka, enegazi lenye into; okanye ange emelwe kukuba abe ebeve ubunzima futhi, kuseloko lasekwayo ihlabathi. Ke uthe ngoku, ekufinyezweni kwawo amaphakade, wabonakalaliswa kwaba kanye, ukuba atshitshise isono ngelilelakhe idini. Ke kwanjengokuba ke abantu bemiselwe ukuba bafe kube kanye, ize ke emveni koko ibe ngumgwebo.

*Amandla akhe okukuthabatha uye ezulwini*

Kananjalo usindiso alukho kuwumbi; kuba akukho gama limbi phantsi kwezulu, linikiweyo phakathi kwabantu, esimele ukusindiswa ngalo. —Izenzo 4:12

*Igunya lakhe lokuphosa esihogweni*

Mateyu 10:28

Ningaboyiki abo babulala umzimba, kodwa bengenakho ukuwubulala wona umphefumlo; yoyikani ke kanye lowo unako ukutshabalalisa umphefumlo kwanomzimba esihogweni somililo.

# Amandla KaKristu Asindisayo Kude Kube Sekupheleni

### 1 Timoti 1:15

Lithembekile ilizwi eli, lifanelwe kukwamkelwa konke, eli lokuba uKristu Yesu weza ehlabathini ukuba asindise aboni; endingomkhulu kubo mna.

### Roma 1:16

Kuba andinazintloni ngazo iindaba ezilungileyo zikaKristu; kuba zingamandla kaThixo okusindisa bonke abakholwayo . . . .

### Yohane 4:14

Ke yena othe wasela kuwo amanzi, endiya kumpha wona mna, akasayi kuza anxanwe naphakade; aya kusuka amanzi, endiya kumpha wona, abe ngumthombo kuye wamanzi amppozela ebomini obungunaphakade.

### Roma 3:24, 25

Begwetyelwe ngesisa lubabalo lwakhe ngako ukukhululwa ngentlawulelo ekuYesu Kristu; athe uThixo wammisa, ukuba abe sisicamagushelo ngegazi lakhe, ngako ukukholwa, ukuze bubonakaliswe ubulungisa bakhe ngenxa yokuyekelelwa kwezono ezibe zenziwe ngenxa engaphambili . . . .

### Luka 10:19

Niyabona, ndininika igunya . . . phezu kwawo onke amandla alo utshaba . . . .

*Akuzange umxabise kakhulu uThixo!*

Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade. —Yohane 3:16

*Hayi, ubabalo olwezisa umntu elusindisweni. INkosi yayo yonke indalo yafela thina sonke!*

Luka 23:34, 46

Wathi ke uYesu, Bawo, baxolele; kuba abayazi into abayenzayo . . . . Wadanduluka ngezwi elikhulu uYesu, wathi, "Bawo, ndiyawunikela ezandleni zakho umoya wam." Uthe akuba etshilo, waphuma umphefumlo.

*Ngesisa kuthi ukuba siluthathe*

Isityhilelo 22:17

UMoya nomtshakazi bathi, Yiza. Lowo uvayo makathi, Yiza. Lowo unxaniweyo makeze; lowo uthandayo makawathabathe amanzi obomi ngesisa.

*UBawo uyamthanda umtshakazi ohlangulweyo njengokuba emthanda noNyana wakhe*

Mna ndikubo, wena ukum, ukuze babe ngabazalisekileyo ntweninye; ukuze liqonde ihlabathi ukuba wena undithumile, wabathanda, njengokuba wandithandayo nam. —Yohane 17:23

*Vuma izono zakho ukuze uguquke*

Ukuba sithi sizivume izono zethu, uthembekile, ulilungisa, ukuba asixolele izono zethu, asihlambulule kuko konke ukungalungisi. —1 Yohane 1:9

Guqukani ke ngoko, nibuye, ukuze zicinywe izono zenu . . . . —Izenzo 3:19

*Kholwa kuye uNyana kaThixo*

Bubo obu ke ubungqina: ukuba uThixo usinike ubomi obungunaphakade; baye obo bomi bukuye uNyana wakhe. Lowo unaye uNyana, unabo ubomi; lowo ungenaye uNyana kaThixo, akanabo ubomi. —1 Yohane 5:11, 12

Lowo ukholwayo kuNyana, unobomi obungunaphakade; ke lowo ungamviyo uNyana, akayi kubona bomi; ingqumbo kaThixo ihleli phezu kwakhe. —Yohane 3:36

Anazi na ukuba lowo nizinikela kuye ukuba ngabakhonzi bokumlulamela, ningabakhonzi ngoku kulowo nimlulamelayo: nokokuba ningabesono, nisingise ekufeni, nokokuba ningabolulamo, nisingise ebulungiseni? —Roma 6:16

Kanjalo amalungu enu maningawanikeli kuso isono, ukuba abe ziintonga zentswelabulungisa; manizinikele ngokwenu kuThixo . . . . —Roma 6:13

*Uthando endaweni yokoyika*

2 Timoti 1:7

Kuba uThixo akasinikanga moya wabugwala; wasinika owamandla, nowothando, nowesidima.

*Uthando endaweni yentiyo*

1 Yohane 4:20, 21

Ukuba umntu uthe, Ndiyamthanda uThixo, wamthiya umzalwana wakhe, ulixoki; kuba lowo ungamthandiyo umzalwana wakhe ambonileyo, angathini na ukumthanda uThixo angambonanga? Nguwo lo umthetho esinawo uvela kuye: ukuba athi lowo umthandayo uThixo, amthanda nomzalwana wakhe.

Galati 5:22, 23

Ke sona esoMoya isiqhamo luthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ububele, ukulunga, intembeko, ubulali, ukuzeyisa; akukho mthetho uchasene nezinto ezinjalo.

*Ukholo endaweni yokuthandabuza*

Roma 8:35, 37

Ngubani na oya kusahlula eluthandweni lukaKristu? Yimbandezelo na, luxinaniso na, yintshutshiso na, yindlala na, bubuze na, yingozi na, likrele na? . . . Kanti ke kwezo zinto zonke, sisuka soyise sigqithisele, ngaye owasithandayo.

*Kuthando lwenkathalo, akukho bulolo*

Isimilo senu masibe sesingathandi mali, yanelani zizinto eninazo; kuba etshilo yena ukuthi, Andiyi kuka ndikuyekele; wabuya wathi, Andiyi kukha ndikushiye.
—Hebhere 13:5

*Uxolo endaweni yentuthumbo*

Ndishiya uxolo kuni; ndinika uxolo lwam; andininiki njengokunika kwehlabathi. Mayingakhathazeki intliziyo yenu, mayingabi nabugwala. —Yohane 14:27

Kuba ukunyameka kwenyama ikukufa; ukunyameka ke koMoya bubomi noxolo. —Roma 8:6

Ngoko ke, sigwetyelwe nje ngokwaselukholweni, sinoxolo kuThixo ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu. —Roma 5:1

*Ubutyebi benyaniso, akukho kunyoluka*

Wathi ke kubo, Lumkani, nizilinde ngasekubaweni; ngokuba ubomi bomntu abumi ngabuninzi bempahla yakhe. —Luka 12:15

Yivani bazalwana bam baziintanda: uThixo akawanyulanga na amahlwempu eli hlabathi, ukuba abe zizityebi zokholo, neendlalifa zobukumkani, awababeka ngedinga abo bamthandayo?
—Yakobi 2:5

*Ngqiniseko, ungaqiniseki*

Ndinibhalele ezi zinto, nina nikholwayo kwigama loNyana kaThixo, ukuze nazi ukuba ninobomi obunganaphakade, nokuze nikholwe kwigama loNyana kaThixo. —1 Yohane 5:13

*Bunyulu endaweni yobugwenxa*

Niyenze nyulu nje imiphefumlo yenu ngokuyilulamela inyaniso ngoMoya, kuse ekuthandeni abazalwana okungenaluhanahaniso, thandanani ngenyameko, ngokwasentliziyweni ehlambulukileyo. —1 Petros 1:22

1 Timoti 1:5

Ke intsingiselo yoyalo iluthando oluphuma entliziyweni ehlambulukileyo, nasesazeleni esilungileyo, naselukholweni olungahanahanasiyo.

*Vuyo lobuthixo endaweni yosizi*

Roma 15:13

Wanga ke uThixo wethemba elo anganizalisa ngalo lonke uvuyo noxolo ekukholweni . . . .

Yohane 15:11

Ezi zinto ndizithethile kuni, ukuze uvuyo lwam luhlale kuni, luthi novuyo lwenu luzaliseke.

Yohane 16:22

Nani ke ngoko nixhalabile ngokunje; kodwa ndobuya ndinibone; yaye iya kuvuya intliziyo yenu, novuyo lwenu akukho namnye uya kuluhlutha kuni.

*Amandla endaweni yobuthathaka*

Efese 6:10

Elokugqiba, bazalwana bam, ndithi, Yomelelani eNkosini, nasekuqineni kokomelela kwayo.

*Ithemba endaweni yokuncama*

Tito 2:13

Silinde ithemba elinoyolo, nembonakalo, yobuqaqawuli boThixo omkhulu, uMsindisi wethu uYesu Kristu.

Hebhere 6:18, 19

Ukuze kuthi, ngezinto ezimbini ezingenakuguquleka, angenako ukuxoka ngazo uThixo, sithi thina, basindileyo, sabamba ithemba elibekwe phambi kwethu, sibe novuselelo olunamandla; ithemba ke esinalo ngokweankile yomphefumlo, linqabile, likwaqinile, lingena liye ngaphaya kwesikhuselo.

*Ubunyaniso endaweni yokuqhatha*

1 Petros 2:12

Ihambo yenu mayibe ntle phakathi kweentlanga; ukuze kuloo nto bathetha okubi ngani, ngathi ningabenzi bokubi, bathi ngokubona imisebenzi yenu emihle bamzukise uThixo ngomhla wokuvelelwa.

*Inyaniso endaweni yobuxoki*

Yohane 8:32

Naniya kuyazi inyaniso, yaye inyaniso iya kunikhulula.

*Uloyiso endaweni yokoyiswa*

1 Yohane 5:4

Ngokuba konke okuzelweyo nguThixo kuyaleyisa ihlabathi; lulo ke olu uloyiso oluleyisayo ihlabathi, ukholo lwethu.

Isityhilelo 15:2

Ndabona nabo bavela beloyisile irhamncwa, nomfanekiselo walo, nophawu lwalo, nenani legama lalo, bemi ngaselwandle lwegilasi, beneehadi zikaThixo.

*Khula endaweni yobuntwana*

Hebhere 6:1

Endithi ngoko, masithi, siyeka elengqalo ilizwi elithetha ngoKristu, siqhubele kwelokukhula; singabuyi siseke ngeloguquko emisebenzini efileyo, nokukholwa kuThixo.

1 Petros 2:2

Walangazeleleni, ngokweentsana ezisandula ukuzalwa, amasi angawelizwi, angenankohliso, ukuze nikhule ngawo.

Efese 4:15

Sithe ke, sinyanisekile eluthandweni, sikhulele ngeendawo zonke, kuye lo uyintloko, uKristu.

*Velisa ukufana noKristu*

1 Yohane 2:6

Lowo uthi uhleli kuye, ufanele ukuthi, njengoko wahambayo yena, enjenjalo ukuhamba naye.

*Amandla kumntu ongaphakathi*

Efese 3:16

Ukuba aninike, ngokobutyebi bozuko lwakhe, ukomelezwa ngamandla ngaye uMoya wakhe, ngokusingisele emntwini ongaphakathi.

Filipi 4:13

Ndinokuzenza izinto zonke, ndikulowo undomelezayo, uKristu.

*Ayixhomekekanga bulumkweni bamntu*

1 Korinte 2:4

Nokuthetha kwam, nokuvakalisa kwam uKristu kube kungengamazwi oyisa ngabulumko babantu; bekungokuqondakalisa koMoya nokwamandla.

*Igunya lokungqina*

Izenzo 1:8

Niya kwamkela ke amandla akubon' ukuba uMoya oyiNgcwele uhlile phezu kwenu; nibe ngamangqina am eYerusalem . . . kude kuse nasekupheleni komhlaba.

Izenzo 5:32

Saye singama-ngqina akhe ezo ndawo thina, kwanoMoya oyiNgcwele, awamnika abo bamvayo yena uThixo.

Izenzo 4:33

Baye abapostile bekungqinela ngamandla amakhulu ukuvuka kweNkosi uYesu; kwaye kukho ukubabalwa okukulu kubo bonke.

Yohane 17:15

Andiceli ukuba ubasuse ehlabathini; ndicela ukuba ubagcine kuyo inkohlakalo.

Filip 4:7

Lwaye uxolo lukaThixo, olugqithisele kuko konke ukuqonda, luya kuzigcina iintliziyo zenu neengqiqo zenu kuKristu Yesu.

Luka 10:18, 19

Uthe ke kubo, Bendimbona uSathana njengombane esiwa ezulwini. Niyabona, ndininika igunya lokunyathela phezu kweenyoka noonomadudwane, naphezu kwawo onke amandla alo utshaba; kanjalo akukho nto ingakhe inenzakalise.

Isityhilelo 3:10

Ngokuba waligcina ilizwi lomonde wam, nam ndiya kukugcina, ndikusindise kwilixa lokulingwa, eliza kuza phezu kwelimiweyo liphela, ukulinga abo bemiyo phezu kwehlabathi.

Isityhilelo 2:26

Lowo weyisayo, lowo uyigcinayo imisebenzi yam, ade ase ekupheleni, ndomnika igunya phezu kwazo iintlanga.

Efese 6:10, 11

Yomelelani eNkosini, nasekuqineni kokomelela kwayo. Xhobani sonke isikrweqe sikaThixo, ukuze nibe nako ukumisa nibuchase ubuqhinga boMtyholi.

*Okwethu ngokholo, kuphela nguThixo wethu ongenasiphelo onokuzalisekisa*

**Neento zonke enithe nazicela ekuthandazeni nikholwa, nozamkela. —Mateyu 21:22**

**Kuko oku ukungafihlisi esinako kuye: ukuba sithi sicele into ngokokuthanda kwakhe, uyasiva. Ukuba siyazi okokuba uyaziva esisukuba sikucela, siyazi ukuba sinazo izinto ezicelwayo, esiziceliieyo kuye. —1 Yohane 5:14, 15**

**Inene, inene, ndithi kuni, Lowo ukholwayo kum, imisebenzi endiyenzayo mna, uya kuyenza naye yena; nemikhulu kunale uya kuyenza, ngokuba mna ndisiya kuye uBawo. Nento enithe nayicela egameni lam, ndoyenza yona, ukuze uYise azukiswe ngoNyana. Ukuba nithe nacela into ngegama lam, ndoyenza mna. . . . Ukuba nithe nahlala kum, namazwi am ahlala kuni, nocela into enisukuba niyithanda, niyenzelwe. Uzukiswa uBawo ngale nto, yokuba nithwale isiqhamo esininzi; niya kuba ngabam abafundi ke. —Yohane 14:12-14; 15:7, 8**

**Celani, nophiwa: funani, nofumana; nkqonkqozani, novulelwa; kuba wonke umntu ocelayo uyazuza, nalowo ufunayo uyafumana, nalowo unkqonkqozayo uya kuvulelwe. —Mateyu 7:7, 8**

**Ngenxa yoko ndithi kuni izinto enisukuba nizicela, nithandaza, kholwani ukuba ninokuzamkela; noba nazo.**

**—Marko 11:24**

**Ziyolise ngoYehova; wokunika okunqwenelwa yintliziyo yakho. Yiyekele kuYehova indlela yakho, Ukholose ngaye; wokwenzela. —Indumiso 37:4, 5**

**Ithe ke iNkosi, Ukuba beinokholo olunjengokhozo Iwemostade, beningathi kulo mthombe, Ncothuka, utyaleke phakathi elwandle; uze unive.**

**—Luka 17:6**

**Ke uThixo wam wokwenzelelela konke ukuswela kwenu ngokobutyebi bakhe, ngokozuko olukuKristu Yesu.**

**—Filipi 4:19**

**Zintanda, ukuba intliziyo yethu ayisigwebi, sinokungafihlisi kuye uThixo; nesithi sikucele siyakwamkela kuye, ngo- kuba imithetho yakhe siyigcina, sizenze izinto ezikhoekileyo emehlweni akhe.**

**—1 Yohane 3:21, 22**

**Wathi ke uYesu kuye, Ewe, ukuba unokukholwa! Zonke izinto zinokwenzeka kuye okholwayo. —Marko 9:23**

